MINISTRY OF JUSTICE AND CORRECTIONAL SERVICES

REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ADDRESS BY THE DEPUTY MINISTER OF JUSTICE AND CORRECTIONAL SERVICES, NKOSI PHATHEKILE HOLOMISA (AH! DILIZINTABA) MP, AT THE FUNERAL OF FUNDISWA MAGAIANA, KWABHACA, ON 29 FEBRUARY 2020

INTETHO KASEKELA MPHATHISWA WESEBE LOBULUNGISA NEENKONZO ZOLULEKO, UNKOSI PHATHEKILE HOLOMISA (AH! DILIZINTABA), ILUNGU LEPALAMENTE, KWINKONZO YOMNGCWABO KANKOSAZANA FUNDISWA MAGAIANA, KWABHACA, NGOMHLA WA-29 KWEYOMDUMBI 2020

Programme Director

The Magaiana Family

Correctional Officials led by the Regional Commissioner Phiko Mbambo

Friends and Relatives

Distinguished Guests

Ladies and Gentlemen

Mphathi Nkonzo, Gatyeni, Mamani

Ndiyakhahlela kwiNkosi yendawo

Lusapho lwakwaMagaiana, ooMjoli, ooQubulashe, ooBhodo, ooWushe, kunye nalo usapho lakwaNgonongono

Mongameli babo bonke ooNyawontle abase kusiyaleza kuThixo uMdali wethu

Magosa eSebe leeNkonzo zoLuleko alapha namhlanje, nazo zonke izicaka ezisebenzela urhulumente

Zihlobo nezalamane zeli khaya
Zindwendwe ezixabisekileyo
Rhamente engcwele nani maBhaca nonke
Manene namanenekazi

I stand before you to extend our sincerest condolences to all of you. We are at a loss for words with the passing on of this great and yet so humble soul. But we are together, bound by this grief and we recognise that the passing of Fundiswa Magaiana has touched so many of us.

Ndimi phambi kwenu egameni likarhulumente ngeSebe leeNkonzo loLuleko, apho uFundiswa lo ebesebeza khona, ukuzakugxwal'emswaneni kunye nani, ngelokuzakunithuthuzela, sisithi akuhlanga lungehlanga. Siphelelwe ngamazwi ngokulahlekelwa kwethu ngonje wona umphefumlo ukuthobeka nokulunga. Kodwa ke sihlangene sikunye kule ntlungu ingakanana, sisazi ukuba sichukumiseke sonke kukufa kwale nkosazana yakwaMagaiana.

In this hour of darkness, loneliness and loss, we ask you to find light and solace in the book of 2 CORINTHIANS 5: 1 **"for we know that if our eathly house of this tabernacle we dissolve/ destroyed, we have a building of God, a house not made with hands, eternal in the heavens."**

Ngale yure yobumnyama, yobululo nelahleko, siyanibongoza ukuba nifumane ukukhanya nentuthuzelo kwincwadi yesibini kaPawulosi eyakwabaseKorinte, kwiSahluko sesibini, iVesi yokuqala, ethi, "kuba siyazi ukuba ukuba indlu yethu yakweli hlabathi ithe yatshabalala, sinaso isakhiwo sikaThixo, indlu engakhiwanga ngezandla, eyanaphakade emazulwini".

Fundiswa was indeed a brave, meticulous and committed official who opted to share her professional life with the nation. This is a women who felt that rehabilitating those in conflict with the law will not just be a career, but a service to the nation. Fundiswa Magaiana joined Correctional Services as a student in September 2004. She loved her job with passion, her commitment earned her magnificent strides as she could move up the ladder up to the Deputy Director level in 2015.

Ngenene uFundiswa ebeligosa elikhaliphileyo, elinononelelo nokuzinikela, elakhetha ukwabelana nesizwe ngobomi nesakhono salo. Yintokazi le eyazixelela ukuba ukuxonxa ngokutsha izimilo zabo bangquzulana nomthetho asiyompangelo nje kuphela, koko yinkonzo yesizwe. UFundiswa Magaiana

wazibandakanya neSebe leeNkonzo zoLuleko njengomfundi ngeyoMsintsi (September) 2004. Ubewuthanda umsebenzi wakhe ngentliziyo yakhe yonke, kangangokuba ukuzinikela kwakhe kwenze ukuba anyukele ngendlela engathethekiyo kumanqwanqwa aphezulu ade abenguSekela Mlawuli ngo-2015.

A typical progressive correctional official who was accurate, and gifted with a special eye for detail. Her contribution in the Mthatha Management Area brought stability and confidence in the system. We see a number of officials these days opting to ply their trade in urban areas for a number of convenience reasons, yet, here lies a lady who told us as Correctional Services that Eastern Cape is my home and will surely traverse its remoteness and will reach thee most impoverished areas where some of centres are located.

Igosa loluleko lokwenene elineembono eziphambili, eliwuchanayo umcimbi kwaye lineliso elibukhali, liqaphela nezincinanana iinkcukacha kwinto eliyenzayo. Igalelo lakhe kuMmandla woLawulo waseMthatha lizise uzinzo nokuthembeka kwinkqubo yolawulo. Kanye ngoku kule mihla siqaphela amagosa amaninzi ekhetha ukuyakusebenzisa izakhono zawo ezidolophini ngenxa yezizathu ngezizathu, kodwa apha phambi kwethu kungqengqe inenekazi elisixelele thina beSebe leeNkozo zoLuleko ukuba iPhondo leMpuma Koloni likhaya lalo, kwaye lizimisele ukuba liyakuwuhamba wonke lo mmandla namaqaqasi awo asemalandalahle, liyekufikelela nakwezona ndawo zihlwempuzekileyo apho amaziko ethu ami khona.

We thank the Lord, the Almighty, for giving us Fundiswa Magaiana. Let it be our responsibility to take up what Fundiswa, as a correctional official, was striving for. We live in a broken society, our people need help. Her passing may have caused us so much pain, but let us never give up. Let us demonstrate to those sprites that a life is precious and must be respected.

Siyambulela uThix'uSomandla ngokusinika uFundiswa Magaiana. Masiluthabathele kuthi uxanduva abeluthwele, njengegosa loluleko, neenjongo zakhe ngalo. Siphila kuluntu olwaphukileyo; abantu bakuthi bading'uncedo. Ukusweleka kwakhe kusivisa obona buhlungu, kodwa kunjalo masingalahl'ithemba.

The Departmental efforts as an entity on course to achieve its aim of contributing to maintaining and protecting a just, peaceful and safe society through rehabilitation can only be realised through the

resilience of people of like Fundiswa. We have made serious progress in terms of redefining the purpose of Corrections in South Africa.

Imizamo yeSebe, njengombutho osemendweni wokufezekisa iinjongo zokufak'igxalaba ekugcineni nasekukhuseleni isizwe esinobulungisa, uxolo nokhuseleko, ngokuthi kuxonxwe ngokutsha izimilo ezonakeleyo, inokuphumelela xa sithe sabanabantu abanganikezeliyo njengoFundiswa. Inkulu inkqubela esesiyenzile ukubonisa ngokutsha iinjongo zoluleko apha eMzantsi Afrika; masingatyhafi.

The same progress can also be felt in the administration of rehabilitation, whose policy fundamentals are being reviewed currently. It is in our best interest as a country that human rights of offenders are fully entrenched, with numerous oversight structures established and empowered to ensure the sustenance and acceleration of change towards the ideals enunciated in our constitution.

Le nkqubela iyavakala kulawulo lokuxonxwa ngokutsha kwezimilo zezaphulimthetho, msebenzi lowo oziseko zawo zihlengahlengiswayo ngoku sithethayo. Kusemdleni wethu njengelizwe ukuqinisekisa ukuba amalungelo abantu abethelelekile, ngokuthi kubekho iqela lamaqonga anamandla okukhawulezisa inguqu yokufezekisa imibono eqaqanjiswa ngumgaqo-seko wethu.

Lost to us at such a young age, it is a painful loss. We will dearly miss her insight and influence. So courageous in her work under difficult challenges, it is indeed hurting for her to depart this earth in such a cruel way. This goes beyond gender-based violence, it is an evil act that must be condemned. That is why we must continue to do everything we can – with all that we have – to contribute to a just, peaceful and safer South Africa.

Ukufa komntu oselula kangaka yilahleko ebuhlungu. Sizakubukhumbula ubukrelekrele bengqondo yakhe neempembelelo zakhe. Kangangendlela abekhaliphe ngayo kumsebenzi wakhe phantsi kweemeko zemiceli mngeni enzima, ngenene ivisa ubuhlungu obungathethekiyo inkohlakalo yendlela alishiye ngayo eli limagad'ahlabayo. Le indlela agetyengwe ngayo uMaMjoli lo ingaphaya kobundlobongela obujoliswe kumanina, kukungcola kwenkohlakalo okungenakugxekwa ngokwaneleyo. Kungoko kufuneka senze konke esinako - ngako konke esinako - ukufak'igxalaba ekwakhiweni koMzantsi Afrika onobulungisa, onoxolo nokhuselekileyo.

We must take responsibility for the problems we face in our communities and take a stand against crimes both large and small. We must help each other in times of need, and we must teach our children the difference between right and wrong.

Masenze ibengumsebenzi wethu sisonke ukusombulula iingxaki ezigubungele uluntu lwakuthi, silulwe ulwaphulo-mthetho ngandlela zonke. Masincedisane ngamaxesha kaxakeka, sifundise abantwana bethu bawazi umahluko phakathi kokulungileyo nokubi.

As Correctional Services, it is our sacred duty to ensure that the name of Fundiswa Magaiana must never be lost to history.

NjengeSebe leeNkonzo zoLuleko kungumsebenzi ongcwele ukuba singavumi ukuba igama likaFundiswa Magaiana licime kwimbali yeli lizwe lakokwethu.

To the Magaiana family, I would like to assure you that you are not alone in this dark hour. We share your loss and feel your pain. Fundiswa has left an indelible footprint.

Kuni lusapho lwakwaMagaiana, ndifuna ukuniqinisekisa ukuba aninodwa ngale yure yenu yesithokothoko sobumnyama. Intlungu yenu yeyethu. Ilahleko yenu yeyethu. UFundiswa ushiya umzila ongasokuze ucime. Njengoko sele nenzile, ndicela niqhubeke ngokuthembela kurhulumente, amapolisa neenkundla zomthetho ukuba zenze umsebenzi wazo, ukuqinisekisa ukuba igqwirha elimgebengileyo, lamtyakatya njengehagu, liyakujongana nengalo yomthetho ngendlela engenalusini.

May you please find comfort in the following words of wisdom from the Psalmist: **"Be still and know that I am God"**

Nanga ningafumana intuthuzelo kula mazwi embongi yomJuda yakudala, uDavide, kwenye yeendumiso zayo xa is ithi, "Yithini cwaka, nazi ukuba ndinguThixo wenu!"

May the soul of this idol rest in eternal peace!

Wanga umphefumlo wakhe ungaphumla ngoxolo lwana phakade!

I thank you.

CAMAGU!